Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

JUNI 2013

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UKUNIKEZELWA KWEEKLINIKHI

UKUPHUCULWA NOKUNATYISWA KWEZIBONELELO OKUCETYWAYO

NgoEpreli iBhunga lamkele ukunikezelwa njengesipho iiklinikhi ezintathu ezikumhlaba waseGansbaai (erf 3904 of 6000 m2), eHawston (erf 2203 of 1351 m2) naseKleinmond (erf 7699 of 927 m2). Kuthatyathwe ingqalelo yokuba le mihlaba ayiyomfuneko ekunikezelweni kweenkonzo zikamasipala ezisisiseko. EGansbaai kufuneka kufakwe isicelo sokuba lo mhlaba ufakwe kwenye indawo kungenjalo uya kubuyela kumasipala.

Eli nyathelo lathatyathwa ngokwesivumelwano esenziwa phakathi kukaRhulumente weNtshona-Kapa ne-South African Local Government Association (SALGA) sokuba iinkonzo zezempilo mazinikezelwe kwiPhondo kusaziwa ukuba baza kuthatha nezinto ezinexabiso namatyala azo. Isivumelwano sathi impahla ephathekayo iza kunikezelwa njengesipho kwiSebe leZothutho neMisebenzi yoLuntu.

Kuye kwayimfuneko ukuba le mihlaba idluliselwe kwiSebe lezeMpilo njengoko eli sebe liceba ukuziphucula nokuzandisa ezi zakhiwo. EGansbaai kuza kwakhiwa isakhiwo sezempilo esixabiso laso lizizigidi ezili-R11 kusetyenziswana neDesmond Tutu TB Centre. Esi sakhiwo siza kuba ngumzekelo wale nkonzo eMzantsi Afrika. Kodwa kuza kufuneka lo mhlaba ubhaliselwe isebe endaweni kamasipala.

Ngokomniki-maxabiso ozimeleyo lilonke ixabiso lezi zakhiwo zizigidi ezili-R1,725. Zonke iindleko eziphathelele ekucandweni komhlaba, izaziso, uniko-xabiso, ukucandwa ngokutsha njl njl ziza kuhlawulwa liSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu.

Ngokwengxelo ekwiBhunga ezi zinto ziza kuba luncedo olukhulu kuluntu ngokweerhafu neenkonzo, ukudalwa kwemisebenzi ngexesha leeprojekthi zokuphucula ezi zakhiwo nokuphuculwa komgangatho wempilo yoluntu nempilo jikelele.

OOCEBA ABALULUTSHA BAKUKHENKETHO LOQEQESHO

IBhunga leOverstrand looCeba abaLulutsha lityelele ubuxhakaxhaka nezibonelelo zikamasipala njengenxalenye yokufundiswa kwalo. BeliseHermanus ngoLwesibini, 16 Epreli 2013 eStanford naseGansbaai ngoLwesibini, 7 Meyi 2013. Eli qela labafundi abangama-35 ngabaseHermanus High, eQhayiya Secondary (Zwelihle), eHawston Secondary, eGansbaai Academia, eCurro Private School naseNorthcliff House College (zozibini ezi ziseHermanus). Apha batyelele iZwelihle Taxi Hub bafotwa noMnu. Xolile Kosi (ekhohlo), uMlawuli woPhuhliso loQoqosho, noNks Unity Mtomile (ekunene), umlawuli omtsha weBhunga labatsha osuka eEnlighten Education Trust onguye obhexesha le projekthi ekunye noMasipala weOverstrand. (Ifoto: Noluthando Zweni)

INTLOKO ENTSHA YEZEMALI IQASHIWE

Santie Reyneke-Naudé

Ekupheleni kukaEpreli ukuqashwa kukaNkskz. Santie Reyneke-Naudé njengoMlawuli weZemali omtsha kaMasipala weOverstrand kwamkelwe ngamxhelomnye liBhunga.

UNkskz. Reyneke-Naudé uzithatha ezi ntambo kuMnu.Henk Kleinloog, othathe umhlalaphantsi ekupheleni kukaMeyi ebudala bungama-65.

Ukuza kuthi ga ngoku ebongamele iNkcitho neZinto zikamasipala weOverstrand sikhundla eso awasithatha ukususela ngomhla woku-1 Epreli 2009. Ngaphambili ebekwizikhundla zolawulo eziphezulu koomasipala eStellenbosch nowaseMiddelburg (Mpumalanga).

Imfundo yakhe iquka i-MBA (2007) ne-B.Comm kwi-Accounting (1988), awaziphumelela eNorth-West University ePotchefstroom neSiqinisekiso kwi-Municipal Financial Management awasiphumelela kwiYunivesithi yasePitoli.

UNkskz. uReyneke-Naudé lilungu le-Institute of Municipal Financial Officials kwaye ebengusihlalo wesebe leNtshona-Kapa ukusuela ngoOkthobha 2010.

OMTSHA OWONGAMELE EZEMILILO



Lester Smith

Ngomhla woku-1 Epreli 2013 uLester Smith (40) uqeshwe njengeNtloko yeeNkonzo zokuCima imililo noLawulo lweNtlekele. Usuka kuMasipala weSithili iEden, apho ebeligosa eliyintloko yezemililo kodwa kule minyaka ingamashumi amabini esebenze nakwabanye oomasipala kwezemililo.

Imfundo yakhe iquka iHigher Diploma kwiFire Technology noQeqesho njengoMhlohli kweZomlilo, iAdvanced Fire Safety noMphandi weZemililo, nokuba yi-Assessor, i-Facilitator, i-Moderator ne-Verifier ye-Local Government SETA.

Ukugqiba kwakhe iHigher Certificate kwi-Fire Technology ngowe-1998 wafumana iNdebe kaGeorge Angus ngawona manqaku mahle kulawulo eMzantsi Afrika waza ngowama-2000 wawongwa ngeNdebe kaDries Lombaard ngawona manqaku aphezulu kwakwezi zifundo wayewongwe ngazo ukugqiba kwakhe ukufunda i-Higher Diploma kwi-Fire Technology.

Ekupheleni kukaEpreli iBhunga liyithathele ingqalelo into yokuhlaziywa kwesiCwangciso-lulawulo lweeNkonzo zezeMililo esithatyathwa njengoxwebhu olubonisa imeko ekuyiyo kwezemililo ngokwe-SANS Code yoKhuselo loLuntu kwiMililo kananjalo lubonakalise okufunekayo kule minyaka mine izayo ukuqinisekisa ulawulo olululo nophuculo olulawula iingozi ezinokwenzeka.

INGXELO MALUNGA NGOKUTHUTHWA KWENKUNKUMA E-OVERSTRAND

Njengoko bekunikwe ingxelo i-Regional Waste Disposal Facility eKarwyderskraal, esisibonelelo sikaMasipala weSithili iOverberg (ODM), yavalwa ngoNovemba 2011.

Oku kwabangelwa kukuba isisele sazala kwaye u-ODM akazange akwazi ukuboleka imali eyaneleyo yokwakha esitsha. Imali ababanakho ukuyiboleka yayiza kukhokelela ekunyukeni kweentlawulo zothutho-nkunkuma lwama-30% olwakhatywayo ngabanye oomasipala (Overstrand neTheewaterskloof) abasebenzisa esi sibonelelo.

Ngenxa yoku aba masipala kwanyanzeleka ukuba ngokukhawuleza benze amanye amalungiselelo okuthutha inkunkuma ebidla ngokulahlwa eKarwyderskraal. Libe linye ke ngoku icebo kuMasipala weOverstrand ibe kukuyilahla kwiZala laseGansbaai ekukuphela kwendawo ekhoyo yokulahla inkunkuma kule ndawo.

Aba Masipala babini bebethethana no-ODM ukususela phambi kokuvalwa kweKarwyderskraal bezama ukusombulula le ngxaki nokukhawulezisa ukufumana isisombululo.

I-Gansbaai Landfill Site isetyenziswa ngokwemiqathango yemvume yayo. Omnye wemiqathango kukuba kwenziwe uhlolo lolawulo nokusebenza kweli zala. Olu hlolo lwenziwa ngabahloli-zincwadi abazimeleyo. Iziphumo zohlolo olusanda kweziwa zingeniswe kwiKomiti eLiliso loThutho-nkunkuma eGansbaai (Solid Waste Monitoring Committee) ngomhla we-16 Meyi 2013.

UKUTITINISHWA KUKA-R43

UMasipala weOverstrand uyahambisana noluvo lwabahlali malunga nokutitinishwa kuka-R43 nesango elingena eHermanus.

Le miba ingeniswe kumanqanaba ngamanqanaba kwiqela leprojekthi nenkampanai eyakhayo uVuzela Construction noCeba uNks. Lianda Beyers-Cronjé, namagosa kamasipala. Iziphumo zoko zezi zinto zilandelayo:

- Ukufakelwa kwe-paving kumbindi wendlela kuyimfuneko ukwenzela ukhuseleko nokubonakala kwezithuthi.
- Imithi yamapere amhlophe (Apodytes dimidiata) engama-26 iza kutyalwa phakathi kwe-Schulphoek Boulevard ne-Malva Street eMt Pleasant.
- U-Vuzela Construction esebenzisana noLauren Rainbird, usozityalo kamasipala weOverstrand, naye uza kutyala imithana eluhlaza eyonga amanzi kuwo wonke lo mhlaba unocingo eMt Pleasant.
- Kuza kutyalwa izityalo ezigquma umhlaba kwiindonga ezibamba amanzi kumathambeka entaba.

"Ngenxa yeemeko zebhajethi siqhoboshekile kwizinto esinokuzenza esangweni elingena eHermanus kwaye kufuneka sithobele imigaqo yezeendlela, kodwa siza kuhlala siwavulile amehlo sijonge amanye amathuba esinokuwafumana okuphucula inkangeleko yendlela ekungeneni eHermanus," utshilo uceba uBeyers-Cronjé.

Ungathanda lencwadi yesaziso-ndaba ibhalwe ngolunye ulwimi?

Thumela i-SMS enenombolo ye-akhawunti yakho kunye no X omele isi Xhosa kule nombolo

082 338 1631

IIMALI-MBOLEKO EZIVELA NGAPHANDLE

IBhunga lisamkele isivumelwano semali-mboleko seBhanki i- ABSA sokuboleka imali ezizigidi ezili-R120 kwiminyaka-mali yama-2012/2013, 2013/2014 nowama-2014/2015 lamgunyazisa umlawuli kamasipala umnu. Coenie Groenewald ukuba aze azisayine izivumelwano ekufuneka zisayiniwe malunga nalo mcimbi. Oku kwamkela ukubolekwa kwemali yinxalenye yenkqubo yohlahlo-lwabiwo-mali lwalo nyaka-mali ukulungiselela ukuhlawulela iiprojekthi zezibonelelo ezimalunga nombane, amanzi, ugutyulo-lindle nothutho-nkunkuma.

Kumenywe izicelo kwabo banokufaka iziniki-maxabiso ngokomhlathi we-3 nowe-4 weMigaqo kaMasipala ngokuVeliswa kwaMatyala.

Sisonke isambuku sale mali siza kuthathwa njengeemali-mboleko ezine kuzo ezintathu ziza kuthathwa kwixesha leminyaka elishumi elinesihlanu ukuze esinye isixa sithathwe kwiminyaka esixhenxe.

KUPHAKANYISWA UKUSHISHINA KWABASETYHINI

USekela-Mphathiswa woShishino noRhwebo unkskz. Elizabeth Thabethe, uthethe kwindibano yonxibelelwano yabasetyhini abangabathengisi ngomhla we-17 Epreli 2013. Bebengaphezulu kwama-60 abantu ebebekho kule workshop ebebanjwe ngokudibanisa neSebe loqoqosho likamasipala (Local Economic Development Department) LED) ne- South African Women Entrepreneurial Network (SAWEN).

Emfanekisweni ngaphambili ukusuka ekhohlo nguJulia Medlise, uNobhala weSAWEN yeNtshona-Kapa, uGadija Kasu, uNongxowa weSAWEN WC, unkskz. Thabethe, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie, uNorma Witten, uSihlalo weSAWEN WC, noEngy Litsonae, ilungu leSAWEN. Emva kwabo ukusuka ekhohlo nguSolomzi Madikane, uMlawuli weSebe loPhuhliso loQoqosho noCoenie Groenewald, uMlawuli kaMasipala. Ukuba ufuna enye ingcaciso ngoSAWEN neenkqubo zophuhliso zikaSMME nxibelelana noJolanda Hendricks ku-028 313 8928. (Ifoto: Noluthando Zweni)

IWORKSHOP YOKUFUNDISA ABATHENGISI NGENDLELA YOKUTHENGISA IZINTO ZABO NENDLELA ABANGATHENGISA NGOKUSEMTHETHWENI NGAYO

ISebe loPhuhliso loQoqosho (LED) laseOverstrand lidibene neSebe lePhondo loPhuhliso loQoqosho noKhenketho line-workshop yoosomashishini abancinane apho baza kufundiswa ngendlela yokuthengisa izinto zabo nendlela yokuba bakwenze oko ngokusemthethweni.

Iinjongo kukunceda oosomashishini abasakhulayo malunga nokuthengisa ngokusemthethweni, ukubafundisa, ukudala unxibelelwano phakathi kwabo. Abachaphazelekayo kweli khondo baza kwenza iintetho becacisa imiba yokuthengisa. Le workshop iza kwenziwa eCivic Auditorium ngomhla wama-20 Juni 2013 ukususela ngeye-08:30 de 14:00.

Bonke oosomashishini abancinci bayamenywa kodwa izithuba zibaliwe. Ukuqinisekisa ukuba uyeza nceda phendula (RSVP) ngomhla we-15 Juni 2013 uphendule kuJolanda Hendricks **ku-028 313 8928** okanye nge-imeyile: **jhendricks@overstrand.gov.za**

UMDLALI WEPIYANO OVELA ERASHIYA UZA KUBAMANGALISA KWAKHONA ABASE-OVERSTRAND!

NgeCawe emva kwemini umhla wama-23 Juni ngeye-15:30 i-OAK iza kuba nomculo odlalwa ngumdlali wepiyano omangalisayo waseRashiya uVassily Primakov, oza kudlala eCivic Odithoriyam. UPrimakov uza kudlala imisebenzi kaChopin, ekaScriabin, ekaRachmaninoff nepiano sonata ngumqambi waseMzantsi Afrika uBraam van Eeden.

Amatikiti liR100 (R50). Thenga itikiti eBELLINI GALLERY ku-028 312 4988. Ukuba ufuna ukubuza unganxibelelana noMabhalana uRené du Plooy, ku-082 312 4988.